2/19 5/10/38 No. 1. [O] Indexed 1/3/39. K11/19

S. MHLUZANA 1/4

A Inkosi zama Hlubi zezi zilandelayo:-

6. (92)

Inkosi yokuqala ngu "Dlomo."

1. U Siyephu wazala u Tatazela.
2. " Langalibalele " " " " Siyephu
3. " Mthimkhulu " " " " Langalibalele
4. " Bungane " " " " Mthimkhulu
5. " Ntsele " " " " Bungane Wamakhulukhulu
6. " Mashiya " " " " Ntsele.
7. " Dlomo " " " " Mashiya.
8. " Ncobo " " " " Dlomo.
9. " Mthimkhulu Wanganga " " " Ncobo no Radebe.
10. " Dlamini wazala " Mthimkhulu Nganga.
11. " Ndlovu " " " " Dlamini
12. " Malunga " " " " Ndlovu.

U Ncobo wabaleka washiya u mninawa wakhe ukuba abe yinkosi. Washiya inkosikazi yakhe indzima, yazala unyana ongu "Dlomo." Emva kuka Dlomo kuzelwe u Lidwala ngo yisekazi u Radebe.

B U. Kubekwa Kwenkosi.

Kubekwa ukulwa phakati kwa bantu u Radebe obeyi nkosi endaweni yomkhuluwe wakhe u Ncobo wafuna kubekwe u Lidwala ozalwe nguye kumka Ncobo umkhulu we wakhe.

Inxcalenye yesizwe yalile isiti u Dlomo lo eyi nkosi nje yinkosi. Waye siti uyise-kazi akaziwa u Dlomo. ukuba ngoka banina kuba uvele u Ncobo engasekho ekhaya. Inxcalenye yathabatha ilizwi lika Radebe nje nge Nkosi. Ekuggibeleni wabekwa u Dlomo wayi Nkosi. Laza iqela lika Radebe uyisekazi, nonyana wakhe u Lidwala, lafuna ukumbulala u Dlomo. Wabaleka negelana lamadoda. u Dlomo waya kuzimela e Nqakatyeni ...

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

Kute xa alapho e Nxokotyeni, kwafika Amankomo ema ngasentla kwe Nxokotya leyo. Athe ama kwenkwe xa esalusa awabona Amankomo. Aza Amankomo enza ubuhlobo obukhulu namakwenkwe. Azake ngoko Amankomo onke nawo adibana No Dlomo waza u Dlomo wanesizwe, waphuma ngoku ukuya kuhla sela u Radebe nonyana wake u Lidwala.
u Radebe woyika, waza u Dlomo wayinkosi.
1. u Dlomo ke wazala u Mashiya.
2 " Mashiya " " " Ngwekazi kwindlu enkulu.
3 Ke kwindlu yesithandathu uzale u Ntsele.
Ngelixesha ke u Dlomo wasele khulile enga senako uku phata ubukhosi; kwafuneka kubekwe u Ngwekazi umzukulwana wakhe omkhulu; kodwa u Dlomo wa lile wathi:- "Ubukhosi mabutatyatwe ngu Ntsele, kuba u Ngwekazi akandiva."

1. u Ntsele uzele u Bungane wamakhulukhulu.
2. u Bungane " " " " Mthimkhulu.
3. u Mthimkhulu " " " Mphangazitha.
4 u Mpangazitha " " " Sidinane
5 " Sidinane " " " Zibi
6 " Zibi " " " Johannes.
7 " Johannes " " " George

Lendlu ka Mpangazitha yachiteka e Mzinyathi yachitwa ngamangwane, yaya e Lutukela, aba landela nalapho. Bemka baya e Lusuthu e Mgwadleni. Inkosi ibise yi ngu Sidinane. Apho e Mgwadleni bako gxotwa ngabeSuthu, bemka bada baya kuma e Herschel. Apho e Herschel bafuduka beza apha Kwa Baca. abanye baya e Koloni.

P.S. Ndiza kuthumela elinye kwakona elinda kwenye indoda endala yalapha.

I. Address:- S. Mhluzana
Nxotshana School
P.O. Sethakathaka
Mount Fletcher

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

Wabubela apho kwa Mosheshe u Sidinane. Bachitwa apho e Lusuthu nga Mazulu, bemka kwaya kufika e Herschel; bafika selekhona pho. u Mhlambiso evela naye ngase Natal engowomkhuluwe ka Mpangazitha u Mtimkhulu.
Apha e Herschel bakhonza ku Rulumente.
U Mhlambiso unyana ka Mtimkhulu no Zibi u nyana ka Sidinane. U Buye u Mhlambiso wehla-waya e Koloni, eshiya u Zibi e Herschel apho kuthe bakwanda abantu, wehla u Zibi weza kweli lakwa Baca kwa Makaula e Matatiele. Bafika bathunga izilulu aba bezifunde e Mgwadleni e Lusuthu.
Uthe ke u Nkosi u Zibi esandulu kufika kwabakho imfazwe ka Morosi e Lusuthu kwi Dolophu yase Quthing. u Zibi wanceda u Rulumente nakwimfazwe ka "Hope" e Khohlombeni.

U Rulumente esilwa Namampondomise Emvakoko. u Zibi walwa no Mhlontlo, wacetyiswa kakhulu ngu Mfundisi u Rev. Meyer. Wathi u Zibi akubona ukuba u Mhlontlo umtyalela nga pesheya kwe Kenegha; u Zibi wacela uncedo ku Rulumente wamnceda ke u Rulumente wenza imida nge Tina River. Amampondomise na "Badlongwa" bawanika nga pesheya kwe Thina, kwa ngexesha lika Zibi yabakho imfazwe yama Bulu, nangexesha lakhe waya kucela aba Fundisi base Moravi e Bede.

Kwathi ngexesha lonyana wakhe u Johannes kwabakho idiphu. Amahlubi aye funa ukulwa no Rulumente ngalento; kodwa u Nkosi Johannes encediswa ngu "Mangena" bazama ukumela Rulumente. Abantu [illegible], kodwa [illegible]

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017

futshane njalo kwavela imfazwe yaze[de] Germany ngonyaka ka 1914.
U Rulumente ucele uncedo; aka vuma Amahlubi kuba aye seno kushushu bediphu. Kwavela amadoda asixhenxe kuphela.
Ngo 1925 kwabakho intshumayelo ka Dr. Wellingtoni ethi:-
Idiphu mayiphele u Mlungu make mke.
Naleyo u Nkosi Johannes wa yilwa ngoku kroti.
Kwabakho ne "mbalela" ngo 1933 zafa inkomo yankulu nendlala.
Ngo 1935 u George unyana ka Johannes uthabathe isihlalo soku Kosi.

End. 5.92.

Digitised by the Open scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017